***IsiXHOSA TRANSLATION***

| | |
|---|---|
| Auxin hosted by | IZiko lokuFunda nokuFundisa (CTL) |
| Title of your presentation<br>Please ensure an explicit link to teaching and learning. | Ukubumba iingqondo zabafundi – esinokukufundiswa yinzululwazi yezengqiqo malunga nokufundisa. |
| Title and name of presenter(s) | Gqr Philip Southey |
| Short biography of presenter<br>50 – 100 words | UPhilip ngumhlohli wefiziksi kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Wafumana iPhD kwiziFundo ezimalunga neFiziksi kuMabanga aPhezulu kwiYunivesithi yaseKapa (UCT) emva kokuphumelela iBSc kwiAstrofiziki (CT) kunye neBA PPE (Oxford). Uthatha ukufundisa njengeyona nto ikhuthaza ukujongana nemingeni engengqondo nengemiba engobuqu. Izinto athanda ukuphanda ngazo zezo zidibanisa ezenzululwazi, ezemfundo nezefilosofi ngakumbi izinto ezinokuchazwa njengezimele iinguqu kwiingcinga ezinxulumene nezo zifundo. Wayefundisa isiNgesi kwilali esemaphandleni kwiiHimalayas ekhalisela nokumkanikazi walapho ixilongo. |
| Summary / introduction of your presentation.<br>- 150 – 250 words<br>- Include conclusions and/or implications for teaching and learning at SU.<br>We use this to invite attendants to your Auxin presentation. | "Abafundi bam ekugqibeleni bayayivisisa le ngcamango!" Yintoni eyona yona yenzeke ezingqondweni zabafundi bakho? Isigaba sokuqala sale ntetho siza kuphononongа iintlobo ngeentlobo zeemodeli "zokuqonda" neendlela ngeendlela ezo modeli ezingqamana ngazo neendlela zokufundisa, zokufunda nokuvavanya. Ikakhulu, ndiza kugocagoca le nto, "ingcamango, umxholo, ulwenziwo lweempendulo nolwenziwo lwengqiqo" ndawonye naleyo kuthiwa "lufaniso". Isigaba sesibini sale ntetho siza kunika ingqwalasela inzululwazi yezengqiqo engemiba echaphazela izinto ezifana noloyiko nentandabuzo nendlela ezo zinto ezinokuzibonakalisa ngayo eklasini. Umzekelo, xa ubuza umfundi omnye umbuzo kwiklasi enabafundi abaninzi, oko kungangathi kukuhlasela umgangatho acingela ukuba ukuwo xa uthelekiswa nowabo afunda nabo, nto leyo inokukhokelela kwimpendulo enoloyiko nasekubeni angakwazi ngokwengqiqo ukuwusebenza umbuzo lowo. Njengoko kukho ezi ndlela zibanzi zokuqiqa ezingokuqonda novakalelo ndinethemba lokuba ndiza kuyisingatha kakuhle incoko emalunga nendlela ezi modeli ezinokunxulumana ngayo nezona ndlela zingcono zokufundisa oogxa bam abakha badibana nazo. |
| Recommended reading<br>- Please provide bibliographic information of 2 or 3 easy-read articles / chapters on the topic, directly related to teaching and learning at SU).<br>Please include DOI and/or hyperlinks to the article, to ensure access. | Ukuba ufuna ukwazi ngeemodeli zengqiqo "zokuqonda nokuguquka kweengcamango" khangela phaya ku:<br>diSessa and Sherin, *What Changes in Conceptual Change?*, IJSE, 1998<br><br>diSessa, *A history of conceptual change research: threads and fault lines*, UC Berkeley peer reviewed ebook, 2014<br><br>Ukuba ufuna ukwazi ngeemodeli zengqiqo ezimalunga novakalelo, imodeli kaDavid Rock, iSCARF, isisiqalo esincomeka kakhulu:<br>Rock and Cox, *SCARF in 2012*, Neuroleadership Journal, 2012<br>David Rock TEDx Talk |

